Isifundo 8

** 15–21 Februwari*

Ukusuka Kulwandle Olulwayo Ukuya Emafini Ezulu

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Daniyeli 7, 2 Tes. 2:1–12, Rom. 8:1, Marko 13:26, Luka 9:26, Luka 12:8, 1 Tim. 2:5.

Indima Yenkumbulo:
"Ubukumkani, negunya, nobukhulu bezikumkani phantsi kwamazulu onke, buya kunikwa abantu abangcwele bOsenyangweni; ubukumkani bakhe bubukumkani obungunaphakade, namagunya onke aya kumbusa, amve" (Daniyeli 7:27).

Umbono kaDaniyeli 7, ingxoxo yethu yale veki, uhambelana nephupha likaDaniyeli 2. Yena uDaniyeli 7 unaba kwinto eyayityhilwe kuDaniyeli 2. Kuqala, umbono wenzeka ebusuku uzoba ulwandle luzanyazanyiswa yimimoya emine. Ubumnyama namanzi avusa indalo, kodwa apha indalo ibonakala ingathi igqwethekile okanye iphantsi kohlaselo. Okwesibini, izilwanyana embonweni zizinqambi zaye zixubile ngokuzalwa, nto leyo emele ukwaphulwa kocwangciso lwendalo. Okwesithathu, izilwanyana zizotywe zinyanzelisa ulawulo; ngoko ke, kubonakala ukuba ulawulo uThixo awalunika uAdam egadini yase-Eden luye lwaphangwa ngala magunya. Okwesine, ngokuza koNyana woMntu, ulawulo lukaThixo lubuyiselwe kwabo lulolwabo ngendlela eyiyo. Oko uAdam wakulahla egadini, uNyana woMntu ukubuyisela ngomgwebo wasezulwini.

Le nkcazo ingasentla inika umbono ohambayo womfanekiselo weBhayibhile obaleka ngasemva kulo mbono womfuziselo. Ngethamsanqa, ezinye zeenkcukacha ezibalulekileyo zombono zichazwe yingelosi, ngoko sinako ukuyiqonda imigca yendima ephambili yesi siprofeto simangalisayo.

**Sifunde esi sifundo ukulungiselela iSabatha ka 22 Februwari.*

Izilo Ezine

Funda: Daniyeli 7. Uyintoni umxholo wento aboniswe yona uDaniyeli? Ungantoni umbono?

Isilo ngasinye esiboniswe uDaniyeli sihambelana nendawo kumfanekiso oboniswe uNebhukadenetsre, kodwa ngoku kunikwe iinkcukacha ezongeziweyo ngobukumkani ngabunye. Indlela enika umdla ngayo into yokuba ezi zidalwa, zifuzisela izizwe zobuhedeni, zonke zingamarhamncwa azinqambi. Kwakhona, ngaphandle kwerhamncwa lesine, uDaniyeli uchaza izilwanyana njengezifana nezidalwa ezaziwayo. Ngoko, izilwanyana aziyiyo imifuziselo yobuqhinga, nanjengokuba siseso sineempawu okanye amanqaku kwezinye iindawo zobukumkani esibumeleyo.

Ingonyama: Ingonyama yeyona ifanelekileyo ukumela iBhabheli. Iingonyama ezinamaphiko zazihombise iindonga zasebhotwe kwakunye neminye imisebenzi yobuchule yaseBhabheli. Ingonyama eboniswe embonweni ekugqibeleni asuswa amaphiko ayo, yenziwa ukuba ime nkqo njengomntu, yanikwa intliziyo yomntu. Le nkqubo ifuzisela ukuwa kobukumkani baseBhabheli phantsi kokumkani owalandelayo.
Ibhere: Ibhere limele ubukumkani beMedi-Persi. Le nto yokuba ibhere iliphakamisile elinye icala ibonisa ukongama kwamaPersi phezu kwamaMedi. Iimbambo ezintathu emazinyweni ayo zimele ukoyisa okukhulu kobukumkani bamaMedi-Persi: iLidiya, iBhabheli, neYiputa.
Ihlosi: Ihlosi elinamendu kakhulu limele ubukumkani baseGrike phantsi kuka-Alexander the Great. Amaphiko amane, alenza eli rhamncwa ukuba likhawuleze kakhulu, lifanele ukumela uAlexander, owathi kwiminyaka embalwa walilawula lonke ihlabathi elalisaziwa ngoko.
Irhamncwa eloyikekayo nelibi: Njengokuba awangaphambili efana nezilwanayana ezixeliweyo, eli lona liyinto emi yodwa. Oko kukuthi awokuqala aboniswe “efana” nengonyama okanye “efana nebhere, kodwa eli aliboniswanga lifana nanto. Eli rhamncwa lineempondo ezininzi likwabonakala likhohlakele kakhulu lidlavula kunangaphambili. Ngenxa yoko, likufanele ukumela iRoma yobuhedeni, eyoyisa, yalawula, yanyhasha phanti umhlaba ngeenyawo zentsimbi.

Onke la mawaka embali yoluntu afika adlula, njengoko bekuxelwe kwangaphambili. Unokonwaba kangakanani ngokwazi ukuba, ngapha kwayo yonke ingxolo, ukungonwabi, maxa wambi isiphithiphithi esikhulu, uThixo uyalawula? Isifundisa ntoni le nto ngokufanela ukuthenjwa kweziBhalo?

Uphondo Oluncinane

Funda: Daniyeli 7:7, 8, 19–25. Ngubani igunya eliluphondo oluncinane oluphuma ngqo kwirhamncwa lesine, lize lihlale liyinxalenye yalo?

Izolo sifunde ukuba irhamncwa eloyikekayo elineempondo ezilishumi elilawula umhlaba ngenkohlakalo epheleleyo limele iRoma. Ngoku kufuneka siqwalasele uphondo oluncinane negunya elilimeleyo. Njengoko kuzotyiwe embonweni, irhamncwa lesine lineempondo ezilishumi, ekuthi kuzo kususwe ezintathu ukuze kuvuleke indlela yophondo oluncinane. Olu phondo lunamehlo omntu, luthetha "indumbisa yamazwi [amazwi amakhulu, amaninzi]" (Dan. 7:8). Kucacile ukuba olwa phondo luncinane luphuma kwinto ekhoyo emelwe lirhamncwa eloyikekayo, eliyiRoma yobuhedeni. Ngandlela ithile, uphondo lukhula okanye luqhubeka nezinye iimpawu zeRoma yobuhedeni. Lilinqanaba lamva legunya elinye.

UDaniyeli ulibona eli phondo lisilwa nabangcwele. Ingelosi imchazela ukuba olu phondo ngukumkani oyakwenza izinto ezintathu ezinxamnye nomthetho: (1) uthetha amazwi ayindumbisa ukuchasa Osenyangweni, (2) utshutshisa iingcwele zOsenyangweni, (3) uzimisele ukuguqula amaxesha nomthetho. Isiphumo, abangcwele baya kunikelwa esandleni sakhe. Okulandelayo, ingelosi inika isimiso sexesha lezenzo zophondo oluncinane: ixesha, amaxesha nesiqingatha sexesha. Kule ndawo yolwimi lwesiprofeto, igama ixesha lithetha "umnyaka." Ngoko ke, intetho ethi amaxesha ibonisa iminyaka, imo ephindiweyo: "iminyaka emibini." Kungoko, eli ilixesha leminyaka emithathu enesiqingatha iyiminyaka yesiprofeto, ethi, ngokomthetho-siseko othi umnyaka-yimini, lalathe ixesha le-1,260 leminyaka. Ngelo eli xesha, olu uphondo oluncinane luya kuhlasela abantu bakaThixo, libatshutshise abangcwele, lizame ukuwuguqula umthetho kaThixo.

Funda: 2 Tesalonika 2:1–12. Ziintoni ezifanayo apho phakathi komntu ongenamthetho nophondo oluncinane? Leliphi igunya elikholelwa ukuba oku kuthetha ngalo, ngokuba kutheni? Leliphi igunya ekuphela kwalo elaphuma kwiRoma yobuhedeni, kodwa lahlala liyinxalenye yayo iRoma yobuhedeni kude kuse ekupheleni komhlaba, nto leyo ethetha ukuba lisekho nanamhla?

Lwesibini

18 Februwari

Inkundla Yahlala

Emva kombono wamarhamncwa amane nezenzo zophondo oluncinane, umprofeti ubona umboniso womgwebo ezulwini (Dan. 7:9, 10, 13, 14). Ithi xa inkundla ihlangana, iitrone zibekwe ezindaweni aze uNyange leMihla athabathe esaKhe isihlalo. Ngokomboniso wasezulwini, amawaka ngamawaka ezidalwa zasezulwini alungiselela phambi kukaNyange leMihla, inkundla ihlalisiwe, iincwadi zivuliwe. Into ebalulekileyo ukuba iqatshelwe kulo mgwebo yeyokuba wenzeka emva kwexesha leminyaka eli-1,260 lokusebenza kophondo oluncinane (A.D. 538–1798; jonga isifundo sangoLwesihlanu) kodwa ngaphambi kokuba kumiselwe ubukumkani bukaThixo bokugqibela. Into ithi, amaxesha amathathu embonweni kuvela olu landelelwano:

Isigaba sophondo oluncinane (538–1798)
Umgwebo osezulwini
Ubukumkani bukaThixo obungunaphakade

Funda: Daniyeli 7:13, 14, 21, 22, 26, 27. Zeziphi iindlela othi umgwebo ube lulutho ebantwini bakaThixo?

_____

_____

_____

ITestamente eNdala ichaza izenzo eziliqela zomgwebo ezazisemnqubeni nasetempileni, kodwa umgwebo ekuthethwa ngawo apha wahlukile. Lo ngumgwebo womhlaba wonke othi uchukumise, kungekuphela uphondo oluncinane kodwa nabangcwele bOsenyanweni, abaza kuthi ekugqibeleni bazuze ubukumkani. UDaniyeli 7 akawuchazi umgwebo okanye anike iinkcukacha ngokuqala nokuphela kwawo. Phofu inika into ethi umgwebo uqhuba ekuvukeni kokuhlaselwa kukaThixo nabantu baKhe luphondo oluncinane. Eyona nto apha, kukucinezela isiqalo somgwebo ongowezwe lonke. KuDaniyeli 8 ne-9 (jonga kwiiveki ezilandelayo), siya kufunda ngexesha lokuqala komgwebo nento yokuba lo mgwebo uhambelana nokuhlanjululwa kwengcwele yasezulwini ngeMini yoCamagushelo lwasezulwini. Isifundo apha sesokuba, ngokucacileyo, siya kuba nomgwebo waphambi kokuza (kukaYesu) ezulwini oza kuba ungecala labantu bakaThixo (Dan. 7:22).

Kutheni le nto ukukuqonda oko uYesu wasenzela kona emnqamlezweni kungumbindi wesizathu sokuba sibe nengqiniseko kwimini yomgwebo? Themba lini ebesiya kuba nalo, okanye esinokuba nalo, ngaphandle koMnqamlezo? (Jonga umaRoma 8:1.)

Lwesithathu *19 Februwari*

Ukuza KoNyana WoMntu

Funda: Daniyeli 7:13. Ngubani lo unguNyana womntu apha, kwaye umphawula njani? (Jonga nakuMarko 13:26, Mat. 8:20, Mat. 9:6, Luka 9:26, Luka 12:8.)

Uthi xa uqala umgwebo, kungene umntu obaluleke kakhulu emboniswenі: uNyana woMntu. Ungubani? Kuqala, uNyana woMntu uvela engumntu wasezulwini oyedwa. Phofu njengokuba isihlonipho sisitsho, usoloko ebonakalalisa iimpawu zobuntu. Ngamanye amazwi, unguThixo-mntu ozokudlala indawo ebonakalayo emgwebeni. Okwesibini, uNyana woMntu oza ngamafu ezulu ungumfanekiselo oqhelekileyo wokuBuya kwesiBini kwiTestamente eNtsha. Phofu, kuDaniyeli 7:13 ngqo, uNyana woMntu akavezwanga ephuma ezulwini esiza emhlabeni, kodwa ehamba exwesa esuka kwenye indawo yezulu esiya kwenye ukuze avele phambi koNyange leMihla. Okwesithathu, ukuchazwa koNyana womntu oza ngamafu ezulu kunika ukubonakalaliswa okubonakalayo kweNkosi. Wona lo mfanekiselo ukwahambelana nowombingeleli omkhulu othi, erhangwe lilifu lesiqhumiso, angene kwiNgcwele kaNgcwele ngeMini yoCamagushelo ukuba enze umsebenzi wokuhlambulula ingcwele.

UNyana woMntu ukwangumntu onobukhosi. Ufumana "igunya nobuhandiba nobukumkani" zize "zonke iintlanga, nezizwe, neelwimi, zimbuse" (Dan. 7:14). Isenzi "busa" sivela kalithoba kwizahluko 1–7 (Dan. 3:12, 14, 17, 18, 28; Dan. 6:16, 20; Dan. 7:14, 27) saye sinika ingcamango yokunika imbeko kuthixo. Ngoko ke, isiphumo sokuzama ukuguqula umthetho kaThixo, uhlelo lwenkolo olumelwe luphondo oluncinane lonakalisa unqulo olulunge kuThixo. Umgwebo ozotywe apha ubonisa ukuba unqulo lwenyaniso ekugqibeleni luza kubuyiselwa. Uhlelo lonqulo olumiswe luhlelo lobupopi, phakathi kwezinye izinto, lubeka umntu owileyo njengomthetheli phakathi kukaThixo noluntu. UDaniyeli ubonisa ukuba umthetheli ekuphela kwakhe onako ukumela uluntu phambi kukaThixo nguNyana woMntu. IBhayibhile iyatsho ukuthi, "Mnye uThixo; mnye noMlamli phakathi koThixo nabantu, uMntu uKristu Yesu" (1 Tim. 2:5, NKJV).

Kuko konke esikufundileyo eBhayibhileni ngobomi nesimilo sikaYesu, kutheni le nto isonwabisa kakhulu into yokwazi ukuba usembindini kakhulu womgwebo oboniswe apha?

Lwesine

20 Februwari

Abangcwele Bosenyangweni

Ngokwezi ndima zilandelayo, kwenzeka ntoni ebantwini bakaThixo? Dan. 7:18, 21, 22, 25, 27.

"Abangcwele bOsenyangweni" leyo yindlela ababizwa ngayo abantu bakaThixo. Bayahlaselwa ligunya elimelwe luphondo oluncinane. Kuba bezingise ekuhlaleni bethembekile eliZwini likaThixo, bayatshutshiswa ngexesha lolawulo lobupopi. AmaKristu ayekwatshutshiswa nangexesha lobukumkani beRoma yobuhedeni, (irhamncwa lesine yona), kodwa intshutsiso exelwe kuDaniyeli 7:25 kukutshutshiswa kwabangcwele luphondo oluncinane, eliphuma kuphela emva kokuphela kwesigaba sobuhedeni beRoma.

Kanti ke, abantu bakaThixo abayi kuba phantsi kwengcinezelo yegunya lasemhlabeni ngonaphakade. Ubukumkani bukaThixo buya kuma endaweni yezikumkani zomhlaba. Okunika umdla, kwinkqu yombono, uNyana woMntu "wanikwa igunya, nobuhandiba, nobukumkani" (Dan. 7:14). Kwinkcazelo enikwe yingelosi, "ngabangcwele" abanikwa ubukumkani" (Dan. 7:18). Akukho mpikiswano apha. Kuba uNyana woMntu unolwalamano noThixo kunye noluntu, uloyiso lwaKhe luloyiso lwabo amele bona.

Xa umbingeleli omkhulu ebuza uYesu ukuba unguMesiya na, uNyana kaThixo walatha emva kwiNdumiso 110:1 nakuDaniyeli 7:13, 14 athi: "Ndinguye; niya kumbona nokumbona uNyana woMntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza namafu ezulu" (Marko 14:62). Ngoko ke, uYesu nguYe omele thina kwinkundla yasezulwini. Sele ewoyisile amagunya obumnyama kwaye wabelana ngoloyiso lwaKhe nabo basondelayo kuYe. Ngenxa yoko, asikho isizathu sokoyika. Lo mcimbi uwubeka ngokufanelekileyo umpostile uPawulos xa athi "Kanti ke kwezo zinto zonke, sisuka soyise sigqithisele, naye owasithandayo. Kuba ndeyisekile kukuba nakufa, nazilawuli, naziphatha-mandla, nanto zikhoyo, nanto zizayo, nabuphakamo, nabunzulu, nasinye isidalwa esisimbi, asiyi kuba nako ukusahlula thina eluthandweni lukaThixo, olukuye uKristu Yesu, iNkosi yethu." (Rom. 8:37–39).

Khangela indlela umbono kaDaniyeli ochane ngayo ukubeka imbali, kuse ngamawaka eminyaka ngaphambili. Kunokusinceda njani oku ukuba siwathembe amadinga kaThixo exesha elizayo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ukuthi tshe nje kwimbali kuveza ukuba, emva kokuwa kobukumkni baseRoma, okwenzeka ngokuhlaselwa ngamaBharibhari asentla, ubhishophu waseRoma wasebenzisa elo thuba ukuba abhukuqe iintlanga ezintathu zamaBharibhari waza wazimisela njengokuphela kwegunya eRoma ngokowe-A.D. 538. Kule nkqubo, wamkela imisebenzi eliqela yezimiso nopolitiko zikakumkani waseRoma. Koku kwaphuma ubupopi, buwongwe ngegunya lomhlaba nelenkolo bada baguzulwa ngoNapoleon ngowe-1798. Oku akuzange kuyibhangise iRoma, kodwa kwaba nje seso sigaba sixeliweyo sentshutshiso. UPopi akazange anele nje ukubanga ukuba ungummeli kaKristu kodwa wangenisa iimfundiso eziliqela nezenzo ezichasene neBhayibhile. Intlambululo, ukohlwayela izono, ukuphulaphula ukuvunywa kwezono, nokuguqulwa komthetho weSabatha uye kwiCawa, konke oku kuphakathi kwezinye izinto ezininzi zokuguqulwa "kwamaxesha nomthetho" okwangeniswa bubupopi. "Ngawakhe amandla, umntu akangeze aziphendulele kwizimangalo zotshaba. Uthi ekwiingubo ezidyojwe sisono, eme phambi kukaThixo. UYesu yena, uMmeli, ubeka isibongozo esinempumelelo ngenxa yabo bonke abathi, ngokuguquka nokholo bazinikele ekuyigciniseni imiphefumlo yabo kuYe. Uyalivuma ityala labo, aze athi ngeengxoxo ezinamandla zeKalvari, amoyise ummangaleli wabo. Ukuthobela kwaKhe okugqibeleleyo umthetho kaThixo kumnike lonke igunya ezulwini nasemhlabeni, kwaye ubanga kuYise inceba nokuxolelaniswa komntu onetyala. Kummangaleli wabantu baKhe, uthi: "UYehova makakukhalimele, Sathana. Aba ngabathengwa ngegazi lam, izikhuni ezirholwe emlilweni." Kwabo baxhomekeke kuYe ngokholo, unika isiqinisekiso esithi, "Yabona, ndibususile ubugwenxa bakho kuwe, ndikwambese ngezinqabileyo." Zekariya 3:4.—Ellen G. White, Abaprofeti Nookumkani, pp. 487, 488.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Phinda ukhangele zonke iimpawu zegunya lophondo oluncinane eliphuma nelihlala liyinxalenye yerhamncwa lesine, iRoma. Leliphi igunya elathi lodwa laphuma kwiRoma yobuhedeni kwiinkulungwane ezininzi ezadlulayo lathi, ngaphandle kokutshutshisa abantu bakaThixo, lahlala likho nanamhlanje? Kungani ukuba oku kuchaza kucacileyo kusincede kusikhusele ekucingeleni ngemeko yalo, kuquka imbono yokuba uphondo oluncinane lubhekisa kukumkani wamaGrike ongumhedeni owanyamalala kwimbali ngaphezu kwenkulungwane enesiqingatha ngaphambi kokuzalwa kukaYesu? Zingasikhusela njani ezimpawu zibonisayo kwinkolo yokuba, uphondo oluncinane luza kuvela kwixesha elingaqinisekanga elizayo?